Isalathiso: 20210726-4601
Inombolo yefayili: 13/1/1
Imibuzo: C Klopper

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0011/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

**Isihloko:** **Ukulawulwa koMsebenzi woVavanyo okuMgangatho oFanayo (*Common Assessment Task*) (*CAT*) kwiSifundo soLwazi ngezoBomi (*Life Orientation*) (*LO*)) kwiBakala 12 ngo-2021**

1. IMimiselo i-*Regulations Pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate Examinations*, eyapapashwa kwi*Gazethi kaRhulumente* No 37651 ye-16 Meyi 2014, yenza isibonelelo samanqaku okupasa okugqibela e*Life Orientation* (*LO*) ngokusekelwe kuvavanyo lwangaphakathi, nomalumodareyithwe ngaphandle, kwakunye noMsebenzi woVavanyo okuMgangatho oFanayo (*Common Assessment Task*) (*CAT*)) osetwa kwakunye nomodareyithwa ngaphandle ngokunjalo.

2. Le ngcaciso imfutshane yazisa izikolo ngenkqubo emayilandelwe kulawulo lwe*CAT* yesifundo se*LO* ngo-2021.

3. I-*CAT* yesifundo se*LO* yinxalenye yamanqaku okupasa okugqibela kwiBakala 12 yaye, ke ngoko, bonke abafundi beBakala 12 mabayibhale.

4. Umhla wokubhalwa kwe*CAT* yesifundo se*LO* **nguMvulo, we-06 Septemba 2021**, ukususela ngo-**09:00 ukuya ku-11:30**. Nakuphi na ukushenxa kulo mhla nakweli xesha kuya kuthathwa njengesitenxo esixhomis' amehlo.

1 North Wharf Square, 2 Lower Loop Street,
Foreshore, Cape Town, 8001
Tel: +27 21 467 2000 Fax: +27 21 483 7658

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
Safe Schools: 0800 45 46 47
wcedonline.westerncape.gov.za

5. I-*CAT* yesifundo se*LO* iya kuba nephepha eliziiyure ezimbini ezinehafu, elinamanqaku ayi-100 ewonke.

6. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) liprinte amaphepha emibuzo e*CAT* yesifundo se*LO* abo bonke abafundi beBakala 12 kwiphondo, ngokwedatha yobhaliso lokugqibela.

7. ISebe i*WCED* kwakhona libonelele ngamaphepha efoliyo anokusebenza njengencwadi yeempendulo.

8. **Ukusiwa kwamaphepha emibuzo e*CAT* yesifundo se*LO* ezikolweni**

8.1 Amaphepha emibuzo kunye namaphepha efoliyo aya kupakishwa aze atywinwe kwiingxowa ii-*Smartlock* (*SL*) *canvas bags* ezimnyama. Iingxowa ezimnyama ii-*SL canvas bags* emva koko ziyatywinwa zifakwe kwikhadibhodi.

8.2 Amaphepha emibuzo e*CAT* yesifundo se*LO* ne-*Smartlock GLAM keys,* ziya kusiwa ezikolweni ngekhuriya ukususela ngowe-30 Agasti ukuya kowe-01 Septemba 2021.

8.3 Esakuba efunyenwe amaphepha emibuzo, inqununu mayisanele ukuvuma ukuba bawafumene amaphepha emibuzo.

8.4 Inqununu mayivule iikhadibhodi ngoko nangoko, e-ofisini yayo okanye kwindawo enqatyisiweyo ize izikhuphe iingxowa ezitywiniweyo ii*SL canvas bags* ezimnyama kwiikhadibhodi.

8.5 Emva kokungqinisisa inani elichanekileyo lamaphepha emibuzo elifunyenweyo, iingxowa ii*SL canvas bags* ezimnyama ezinamaphepha emibuzo namaphepha efoliyo mazigcinwe kwisefu/kwigumbi elinqatyisiweyo de kuqale uviwo ngowe-06 Septemba 2021

8.6 Ngoko nangoko emva kokuba ifunyenwe i-*GLAM Smart key* mayitshajiswe ngokupheleleyo yaye kutshekishwe ukuba zifunyenwe na zonke izinto ezihamba kunye nayo (*accessories*) .

8.7 Isiqinisekiso sokuvuma ukufunyanwa kwezinto ezidityaniswe kwi-*GLAM Smart key* masizaliswe yaye sithunyelwe nge-imeyili apha Mfana.Dyasi@westerncape.gov.za.

8.8 Emva kokuba i-*GLAM Smart key* itshajwe ngokupheleleyo, inqununu mayiqinisekise ukuba iseshoni yoviwo ye*CAT* yesifundo se*LO* ikhutshelwe (*downloaded*) kwi-*Glam Smart key*.

8.9 Ukuba iinqununu zingafumanisa nabuphi na ubunzima malunga ne-*GLAM Smart key*, bangaqhagamshelana nalo naliphi na igosa kula magosa alandelayo:

Mnu Clifford Overmeyer, 021 467 2956, (Clifford.Overmeyer@westerncape.gov.za)
Mnu Clive Berry, 021 467 2265, (Clive.Berry@westerncape.gov.za)
Nks Shelva Willoughby, 021 467 2923, (Shelva.Willoughby@westerncape.gov.za)

9. **Ukukhutshwa kwamaphepha emibuzo oviwo ngosuku loviwo**

9.1 Makuqinisekiswe ukuba i-*Glam Smart key* itshajiswe ngokupheleleyo yaye ifumana i-*GMS network* kunye ne-*GPS signals* engadlulanga u-08:00 ngentsasa yoviwo.

9.2 Ngosuku loviwo, ngowe-06 Septemba 2021, inqununu mayivule izingxobo ii-SL canvas bags ezimnyama namaphepha emibuzo **kwiyure engaphambi** kokuqala kweseshoni yoviwo.

9.3 Izingxobo ii-*SL canvas bags* ezimnyama mazivulelwe kwi-ofisi yenqununu.

9.4 Isingxobo esingaphandle esinamaphepha emibuzo masithathwe sisiwe kwindawo yokubhalela uviwo. Zozibini, isingxobo sangaphandle nesangaphakathi, esinamaphepha emibuzo mazivulwe kwindawo yokubhalela uviwo.

9.5 Kucelwa nisike ngenkathalo kumgca obonisiweyo, xa nivula isingxobo sangaphandle esinamaphepha emibuzo, njengoko ikwasesi singxobo sinye emasisetyenziswe kwakhona ukutywina iincwadi zempendulo.

9.6 Inqununu mayitshixe iingxowa ii-*SL canvas bags* ezimnyama ezingenanto ngesitshixo i-*electronic seal* ngoko nangoko emva kokuba **amaphepha emibuzo ekhutshiwe kwiingxowa ii-*SL bags*.**

9.7 Iingxowa ii*SL canvas bags* ezimnyama **ezingenanto** mazibekwe kwakhona yaye zifakwe ngokunqatyisiweyo ngaphakathi kwingxowa ebuyiselwayo engwevu neblowu eza kuza kuthathwa ngekhuriya.

9.8 Ingxowa ebuyiselwa ngekhuriya mayigcinwe kwisefu yesikolo/kwigumbi elinqatyisiweyo, mayibuyiselwe xa ikhuriya izisa umthwalo wokuqala wamaphepha emibuzo emviwo zangoNovemba.

10. **Ukuqhutywa koviwo**

10.1 I-*CAT* yesifundo ye*LO* mayibhalwe ngokwemimiselo emalunga nokuqhutywa kweemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke.

10.2 Abafundi banokubhala amagama abo kwikhasi lokuqala lencwadi yefoliyo.

10.3 Makurekhodwe emva kokugqitywa koviwo, kwifankshinalithi ye*CEMIS* **ye*Life Orientation Absenteeism*,** amagama abafundi abanike izizathu ezivakalayo zokungabikho xa bekubhalwa uviwo.

10.4 **Ukuba akukho mfundi ubengekho kuviwo, oko makuchazwe kwifankshinalithi ye*CEMIS* ye*Life Orientation Absenteeism*.**

10.5 Kubaluleke gqitha ukuba amaxwebhu abubungqina ezizathu ezivakalayo zokungabikho makagcinwe kwifayili esesikolweni yaye makafumaneke kwaNdlunkulu nakwi-ofisi yesithili xa eceliwe.

10.6 "Izizathu ezivakalayo" zokungabikho kuviwo ngokwale meko, ziquka:

(a) ukugula, okuxhaswa liphepha likagqirha elisemthethweni, elikhutshwe yiprakthishina yezonyango ebhalisiweyo (*registered medical practitioner*);

(b) izizathu eziphenjelelwa luvelwano lobuntu, ezibandakanya ukuswelekelwa komfundi lilungu losapho elisondeleyo kuye nezixhaswa yikopi yesatifikethi sokusweleka;

(c) umfundi oza kuvela enkundleni yamatyala, yaye oko makuxhaswe bubungqina obubhaliweyo; okanye

(d) nasiphi na esinye isizathu esinokwamkelwa njengesisemthethweni yintloko yequmrhu lovavanyo okanye ngummeli wayo.

11. **Ukutywina nokugcinwa ngokunqatyisiweyo kweencwadi zeempendulo emva koviwo**

11.1 Emva kokubhalwa kwe*CAT* yesifundo se*LO*, iincwadi zeempendulo mazitywinelwe kwakweso singxobo sangaphandle sifanayo sisetyenziselwa ukutywina amaphepha emibuzo

11.2 Isingxobo sangaphandle esitywiniweyo esineencwadi zeempendulo masifakwe ngaphakathi kwisingxobo esingaphakathi seencwadi zeempendulo (kwingxowa yeencwadi zeempendulo eluhlaza (okwengca) sigcinwe ngokunqatyisiweyo kwisefu/kwigumbi elinqatyisiweyo (*safe/strong room*) lesikolo de kuqaliswe ukumakishwa kwawo. **Iincwadi zeempendulo ze*CAT* ye*LO* mazingathunyelwa kwaNdlunkulu.**

11.3 **Iincwadi zeempendulo mazingathunyelwa kwaNdlunkulu**; ngoko ke inqununu mayizitshixe izingxobo ii-*SL canvas bags* ezimnyama ngetywina i-*electronic seal* ngoko nangoko emva kokuba amaphepha emibuzo **ekhutshiwe kwizingxobo ii-*SL bags*.**

12. **Iingxoxo ngesikhokelo sokumakisha**

12.1 Iintlanganiso zeengxoxo zokubeka mgangathweni mnye inkqubo yokumakisha zikazwelonke ziya kuqhubeka ukususela ngowe-13 ukuya kowe-14 Septemba 2021 yaye ngabacebisi ngezifundo abaya kubakho kuzo.

12.2 Kuya kuqhubeka iintlanganiso zeengxoxo zonxibelelwano ngekhompyutha zesikhokelo sokumakisha zephondo nezezithili ukususela ngowe-17 ukuya kwi-20 Septemba 2021. Izikolo ziya kufumana amalungiselelo esikhokelo seengxoxo zokumakisha zokugqibela ngokuthunyelwa nge-imeyili.

12.3 Iincwadi zeempendulo zinokukhutshwa kwigumbi elinqatyisiweyo kuphela emva kokugqitywa kweentlanganiso ngesikhokelo seengxoxo zokumakisha zesithili.

13. **Ukumakishwa kwe*CAT* yesifundo se*LO***

13.1 Ukumakishwa kwe*CAT* yesifundo se*LO* makuqhutyelwe esikolweni, phantsi kweliso lenqununu, notitshala oneqhuzu okanye nentloko yesifundo ebambele njengemodareyitha yangaphakathi.

13.2 Inkqubo yokumakisha iza kuqala ngomhla we-21 Septemba 2021, yaye kufuneka igqitywe ungadlulanga owe-30 Septemba 2021.

13.3 Apho kukho ngaphezu kotitshala omnye ofundisa isifundo se*LO* esikolweni, iinqununu maziqinisekise ukuba ootitshala abazimakishi iincwadi zeempendulo zabafundi ababafundisayo

14. **Ukumodareyithwa kwamaxwebhu omfundi abubungqina**

14.1 Ubuncinane ziipesenti ezilishumi zeencwadi zeempendulo ezimakishiweyo ekufuneka zimodareyithwe ngutitshala oneqhuzu okanye yintloko yesifundo.

14.2 Umcebisi wesifundo se*LO* makamodareyithe isampula yeencwadi zeempendulo ezisuka kwizikolo ezikhethiweyo.

14.3 Ukumodareyithwa zizithili kufuneka kuqhubeke phakathi komhla we-11 nowe-22 Oktobha 2021.

14.4 Ukumodareyithwa kwe*CAT* yesifundo se*LO* kwiphondo kuya kugqitywa ungadlulanga owe-05 Novemba 2021.

14.5 Ukumodareyithwa kuzwelonke kuya kuqhutywa phakathi komhla we-08 ukuya kowe-19 Novemba 2021.

15. Malunga **nokufakwa kwikhompyutha kwamanqaku e*CAT* yeSifundo se*LO***, izikolo ziya kuzalisa iirekhodishithi zamanqaku kwikhompyutha zeBakala 12 (*iGrade 12 electronic subject record sheets)* zesifundo se*LO* ezifumaneka ngokukhutshelwa kwi-*CEMIS*.

16. Kucelwa iinqununu zenze amalungiselelo ayimfuneko okubhalwa kolu vavanyo.

17. Kucelwa nazise okuqulethwe yile ngcaciso bonke ootitshala nabafundi beSifundo se*LO* ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-H MAHOMED
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2021-08-05